



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**NOVEMBA 2023**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: liyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha angama-28.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olusekelwe ukufundwa kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.
3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:
 

ICANDELO A:	ISihobe	(30)
ICANDELO B:	Inoveli/Uncwadi Lwemveli	(25)
ICANDELO C:	IDrama	(25)
4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:
 

Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

ICANDELO A: ISIHOBE  
 IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.  
 UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI  
 Phendula umbuzo OMNYE.

ICANDELO C: IDRAMA  
 Phendula umbuzo OMNYE.
5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/NONCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).
  - Phendula KUPHELA imibuzo ekwiNoveli/Uncwadi Lwemveli nakwiDrama oyifundileyo.
  - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ubemNYE NOMFUTSHANE ubemNYE.

Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.
6. UBUDE BEEMPENDULO
  - Umbuzo osisincoko kwiSihobe kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama ali-190–240.
  - Umbuzo osisincoko kwiNoveli/Kuncwadi Lwemveli nakwiDrama kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama angama-340–390.
  - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemholweni.

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngocoselelo.
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.
9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:  
  
ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu  
ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu  
ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ITHEYIBHILE YESIQUATHO**

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

<b>ICANDELO A: ISIHOBE</b>			
<b>Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.</b>			
<b>INANI LOMBUZO</b>	<b>UMBUZO</b>	<b>AMANQAKU</b>	<b>INOMBOLO YEPHEPHA</b>
1. 'Ukubethwa ngemvaba'	Umbuzo osisincoko soncwadi	10	6
2. 'Okuhle '	Umbuzo omfutshane	10	8
3. 'UWG Bennie'	Umbuzo omfutshane	10	9
4. 'Watsha umzi'	Umbuzo omfutshane	10	10
<b>KUNYE</b>			
<b>Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile</b>			
5. 'Amatshivela'	Umbuzo omfutshane	10	11
<b>*QAPHELA:</b> Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.			
<b>ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI</b>			
<b>Phendula umbuzo OMNYE.*</b>			
6. <i>Inkawu idliw' ilila</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	13
7. <i>Inkawu idliw' ilila</i>	Umbuzo omfutshane	25	13
8. <i>Nyana Wam! Nyana Wam!</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	16
9. <i>Nyana Wam! Nyana Wam!</i>	Umbuzo omfutshane	25	16
10. <i>Ukhozi Olumaphiko</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	18
11. <i>Ukhozi Olumaphiko</i>	Umbuzo omfutshane	25	18
<b>OKANYE</b>			
12. <i>Ubuncwane Boncwadi Lwemveli</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	20
13. <i>Ubuncwane Boncwadi Lwemveli</i>	Umbuzo omfutshane	25	20
<b>ICANDELO C: IDRAMA</b>			
<b>Phendula umbuzo OMNYE.*</b>			
14. <i>Buzani Kubawo</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	23
15. <i>Buzani Kubawo</i>	Umbuzo omfutshane	25	23
16. <i>Indlal' Inamanyala</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	26
17. <i>Indlal' Inamanyala</i>	Umbuzo omfutshane	25	26

**\*QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI ezizincoko okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

**ITSHEKHLISTI**

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

<b>ICANDELO</b>	<b>AMANANI EMIBUZO</b>	<b>INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO</b>	<b>TIKISHA NGASEZANTSI</b>
A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo)	1–4	2	
<b>KUNYE</b>			
A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga)	5	1	
<b>B: INoveli OKANYE Uncwadi LweMveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane)</b>	6–13	1	
<b>C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane)</b>	14–17	1	
<b>QAPHELA:</b> KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.			

**ICANDELO A: ISIHOBE****IMIHOBE YESIXHOSA – B Ngombane****IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Ulindeleke ukuba uphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo OMNYE wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

**UMBULO 1: UMBULO OSISINCOKO SONCWADI**

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

**UKUBETHWA NGEMVABA – SEK Mqhayi**

- 1 Ngamaxesha andulo ubisi lusagcinwa
- 2 Ngeemvaba emizini, umnumzana othile
- 3 Wasuka wabambana nenkosikazi yakhe
- 4 Wathabatha imvaba wayityundyutha ngayo.
  
- 5 Kwathi ngexa lokuhlwa ethulula ubisi
- 6 Suka lwazekelela ukuphum' emvabeni.
- 7 Wayivula ngomnwana wabuya nent' emnandi
- 8 Efana namafutha akusa emlonyeni.
  
- 9 Waxakwa yile ncasa kodwa wacing' icebo,
- 10 Kwasuka qho aqhwaye ingxabano ngelize,
- 11 Aphange emvabeni atyundyuthe umfazi,
- 12 Kuvel' amafuthana okuqab' esonkeni.
  
- 13 Yazingisa le nkqubo mihla le wanomsindo,
- 14 Yaxakw' inkosikazi sisimilo esitsha
- 15 Sendoda, phof' incoma ingabethwa ngenduku,
- 16 Ngokwezolo, ibethwa ngemvab' ethambileyo.
  
- 17 Isiphumo sobetho sabamnandi nakuyo,
- 18 Ukuqatywa kwesonka ngamafutha amnandi,
- 19 Kuhliswe nangobisi kulandele intlaha,
- 20 Nobubele kwindoda emva kwezo ngxabano.

- |    |   |
|----|---|
| 21 | Sekudala indoda yabhaqa ndlela yimbi    |
| 22 | Yokwenz' amafuthana yafuthelana nomthi, |
| 23 | Iwubethe ngemvaba. Yaphuml' inkosikazi. |
| 24 | Yaba kubhaqwa oko ukwenza ibhotolo.     |

Sebenzisa isakhiwo (iploti), umxholo nolwimi ukutyhila ukuba lo mbongo uyabalisa.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240.

**[10]**

**UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**OKUHLE – ZS Qangule**

- 1 Yakhula inkwenkwe yabheka esikolweni,  
2 Izithanda iincwadi ingenzi nomolweni.  
3 Yayisingcutha isiLungu ingaqhelisi,  
4 Iwadlakaza amanani njengesingesi.
- 5 Yazixaka iititshala zaphoselana ngayo,  
6 Kwakuthi khinxi kukhululwe ngezayo.  
7 Yaba yiminyakana idudulela phambili,  
8 Bothuka bonke bajonga phambili.
- 9 Kwancipha ubuhlanti kwasala zambini,  
10 Waphela umzi yavungama ilali.  
11 Yaba mbalwana yabhavumlela kude,  
12 Wathi umntu uncamile ifuzile kakade.
- 13 Yaphela imfuyo kwaxhathiswa ngehagu,  
14 Yabila ingqondo yona okweyegagu.  
15 Lancama ixhego lathi liyazinikela,  
16 Likhusela ikhehlelelaki evasini lizincamela.
- 17 Labuya litaka izimanga lakukhohlela,  
18 Nakwikhehlelelaki kukubi lizitotobela.  
19 Naxa kunjalo bathi kumele agqibe,  
20 Wasebenza naye wabhitya nemilebe.
- 21 Qondo le-BA **walixway' emhlana**,  
22 Ngqondo yakhe zange izigwagwise.  
23 Lachach' ixhego nexhegwazana,  
24 Khanyisa mzi babone kudana.

- 2.1 Nika zibeziBINI izenzo ezihle zenkwenkwe ngokwesitanza soku-1. (2)
- 2.2 Xela ukuba uthetha ngabani umbongo kwigama elinomgca ngaphantsi kumqolo we-6. (1)
- 2.3 Caphula imiqolo emiBINI eqaqambisa ubunzima elalikubo ikhaya lenkwenkwe kwisitanza se-3. (2)
- 2.4 Nika udidi lwesixhobo sesandi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisitanza se-4. (1)
- 2.5 Luzisa luvakalelo luni ubaxo olubhalwe ngqindilili kwisitanza se-6. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.6 Ingaba lo mbongo uphumelele ukuqaqambisa ukuzinikela njengesixhobo sempumelelo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**



**UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**UWG BENNIE – SEK Mqhayi**

'Konke akwenzayo wokuphumelelisa' (*Ndum 1:3*)

- 1 ULusingasinga ngumdaka kaBhene, -  
 2 Uvelel' iimbombo zomhlaba;  
 3 Uyise wentetho kaXhosa, -  
 4 Enqunq' amabatha namakhwiniba;  
 5 Angangqin' okaCingo nokaNdawo;  
 6 Amathol' aseMpumalanga.  
 7 Buza kokaMbangeni;  
 8 Amathol' aseNtshonalanga.
- 9 Bayalaz' ithole lomJingqi, -  
 10 lint' ezingabuyi ngamv' edabini.  
 11 Umagwaza ngemfund' eluhlangeni,  
 12 Avike ngengweletshetshe yevangeli.  
 13 Goduka nto kaBhen' ufezile,
- 14 Wagqiba woyisa kwancameka;  
 15 Lusingasinga lujong' awophayo,  
 16 Lubophe ngoMathunga waseGiliyadi,  
 17 Arhashaz' amathamb' ezihlanjani, -  
 18 **Libuyel' ithambo kwithambo lalo.**  
 19 Hamba mfo kabawo!  
 20 Njengel' enkulu yakwaThixo!  
 21 Ncincilili!!! Bham-Dovalele!!!

- 3.1 Nika zibeziBINI izenzo ezihle zikaBennie ngokwesitanza soku-1. (2)
- 3.2 Xela ukuba uthetha ngabani umqolo we-9 xa uthetha ngethole lomJingqi. (1)
- 3.3 Caphula imiqolo emiBINI equlethe izixhobo ebezisebenzisa okaBennie xa ezama ukuphumelela ngokwesitanza se-2. (2)
- 3.4 Nika udidi lwesixhobo sesandi esinomgca ngaphantsi kwisitanza se-2. (1)
- 3.5 Uzisa luvakalelo luni umqolo obhalwe ngqindilili kwisitanza se-3? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.6 Ingaba lo mbongo uphumelele ukwenza ukuba amaXhosa amthande uBennie? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

**UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**WATSHA UMZI – Nontsizi Mgqwetho**

- 1 Amaxesha obumnyama agqithile
- 2 Neza mini zobudenge ziphelile
- 3 Ungumbulali na wena njengoKhayeni?
- 4 Zatsho ngentsholo iintombi emlanjeni
- 5 Ezasemathanga nasemanxuweni
- 6 EzakwaMshweshwe noLangalibalele
- 7 Velani nkokeli khe nisichazele.
- 8 Halahoyi ma-Afrika nalo ke ivumba
- 9 Linukisa okwenyoka yomhlaba
- 10 Kwahluthw' amakhaya kunye nobukhosi
- 11 Namhla ooNozala bahamba ngePasi.
- 12 Hayi ukuhlala kwawo wodwa umzi
- 13 Nokungenwa kwamasango alo mzi
- 14 Obantu babenikwe iintsikelelo
- 15 Namhla simanga ngumzi weembandezelo.
- 16 Ziphi na iinkokhelikazi ze-Afrika?
- 17 Sancama namhlanje thina mzi kaNgqika
- 18 Wakhonkxwa na Afrika ngamakhamandela?
- 19 Bathini bona abadlula ngendlela?
- 20 Baza amehlo kade ndandibona
- 21 Akakuxelelanga na uNtsikana?
- 22 Sadlala ngoThixo wethu kubeLungu
- 23 Namhla izwe lethu yinkqu yeshologu.
- 24 Watsha umzi luphawu lukaKhayeni
- 25 Ungumbulali na wena njengoKhayeni?
- 26 Nezidenge eAfrika mazivuke
- 27 EDekapolis nezidenge zavuka.

- 4.1 Nika isenzo sikaKhayeni nesenzo sabantu abakhalazelwa ngumbongo esifaniswa nesakhe. (2)
- 4.2 Xela ukuba umbongo uthetha ngeentombi zasiphi isizwe ngokwesitanza se-2. (1)
- 4.3 Caphula kwisitanza se-3 imiqolo emiBINI eqaqambisa ingxaki okuyo umzi othetha ngawo umbongo. (2)
- 4.4 Nika udidi lwesixhobo sesandi esinomgca ngaphantsi kwisitanza se-4. (1)
- 4.5 Kuzisa luvakalelo luni ukusetyenziswa rhoqo kombuzo buciko kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.6 Ingaba lo mbongo uphumelele ukwenza abantu bavuke, bazibone ukuba abanagalelo lihle kwingxaki ekuyo i-Afrika? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]****KUNYE**

**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)****UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**AMATSHIVELA – John Solilo**

- 1 Amatshivela mathathu elizweni;  
 2 NgooAsindim! Andazi! Andikhathali!  
 3 Kwimizi ngemizi ayabonwa;  
 4 Kwimizi ngemizi ayaziwa.
- 5 Ayabhoxa eson'iinto zabantu,  
 6 Ayazona ezigqib'iinto zethu,  
 7 Ayazon'izimilo ezingcwele,  
 8 Ayayon'imizimba emihle.
- 9 Ziingxaki zonakalisa ilizwe,  
 10 Ngamatshivel'angenakunqandwa;  
 11 Ngabandlela isinga ekufeni,  
 12 Bayasenga, betsala amashwa.
- 13 Walweni niwagxothe, makhaba.  
 14 Xa babiza awab'amagama,  
 15 Bayavuma, besenza iingoma –  
 16 'Asindim! Andazi! Andikhathali!'
- 17 Esona sono sikhulu,  
 18 Kweyab'ivangeli enkulu,  
 19 Kukubhaqwa, kubonwe, kubanjwe;  
 20 Baqale ukuvuma ityala:
- 21 'Ndoniwe, ndalahlekiswa ngumntu,  
 22 Ndiyazisola ngokulandela umntu.'  
 23 Int'embu abazanga bayenza,  
 24 Isono abazanga basibona!
- 25 Inguquko ikude lee kubo,  
 26 Intshabalalo lelabo iqasho.  
 27 Xa bethetha eyab'inyaniso,  
 28 Bayafunga bethetha besithi,  
 29 'Ngokwenene ndifung'uSithantshathela!  
 30 Andazi! Asindim! Andikhathali!'

5.1 Caphula kwisitanza soku-1 ibinzana elithetha ukuba amatshivela asingowekhaya elinye. (1)

5.2 Nika zibeziBINI izenzo zobutshivela ezikhankanywa sisitanza se-2. (2)

- 5.3 Chaza indlela isitanga se-3 esikubonakalisa ngayo ukuxhalaba kwembongi ngezenzo zamatshivela. (1)
- 5.4 Chaza ifuthe leempawu zocaphulo ezisetyenziswe kwimiqolo 16, 21 no22. (1)
- 5.5 Cacisa intsingiselo equlethwe yimpondo ekumqolo wa-23. (1)
- 5.6 Nika intsingiselo yomqolo wa-24. (2)
- 5.7 Uyangqina ukuba ngokwesitanga sesixhenxe ancanyisiwe la matshivela? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]****AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI****IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli oyifundisiweyo/ukhethe umbuzo kuNcwadi Lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhetha umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).  
Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwinoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).

**INOVELI**

Phendula UMBUZO 6 (UMBUNO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUNO OMFUTSHANE).

**UMBUNO 6: UMBUNO OSISINCOKO SONCWADI****INKAWU IDLIW' ILILA – S Kula**

'Ungaxhali akazokuhamba lula kuphando lwakhe, ndikho.' (*Iphepha 74*)

Ngqina ubunyani bala mazwi ngokwehle kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabubengamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUNO 7: UMBUNO OMFUTSHANE****INKAWU IDLIW' ILILA – S Kula**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

'Lo mfo uyasilwa, ngoku ke nathi kufuneka simlwe nganxa zonke. Ukuba akakufuni ukusebenza nathi kungcono athathe *i-transfer* aye kuluma kwenye indawo. Into yobumpimpi ayizange yaxoleleka nakowuphi na umsebenzi', watsho ebetha ngenqindi etafileni uMfuneko.

'Uyabona ke, kufuneka nathi sirhubuluze phantsi kwakhe okwenkwili. **Ulula maan 5 uMapheza.** Masingamngxameli ngowethu.' Watsho uNqoza esithi xum encokweni, emamela.

'Inyoka ke yagwetywa kwasemyezweni waseEden. Nathi ke kufuneka siyityumze intloko,' watsho uMfuneko.

Beva uNjinga ekhwaza esekude igama likaNqoza. Wathi, akukroba, wayibona ingqonyela ilandelwa nguMapheza besiya kungena eofisini yayo. Uphume embombozela kukubizelwa endaweni enoMapheza awayengasanqweneli kumbona phambi kwamehlo akhe. Wayengasazi ke ngoku nokuba lo Mapheza uphinde wamkila na kwabakhulu. 10

Wafika eofisini kaNtsumpa wamamela ukuba ubizelwa ntoni na. Akuba uNqoza ethe akukho nto axakeke kakhulu yiyo, uNjinga umcelile ukuba ancedise uMapheza ekuphandeni ngokugwintwa kukaYangaphi. Waphuma kuloo ofisi uNqoza efutha ngumsindo. Wayecaphuka ngendlela ebonakalayo. Wayengacatshukiswa kukuthabatha umyalelo wentsumpa koko wayecaphukela lo mntu aza kwenza naye uphando. Impimpi kantamnani! 15

Wathi akucinga, wafumanisa ukuba ngevuye waxhumaxhuma okomntwana ukuba olo phando ebeza kulwenza noMfuneko. Wangena eofisini sel'emoya wumbi. Wathi uMfuneko akumbona ukuba akacacanga, wambuza ukuba embembizela ntoni uNtsumpa. 20

- 7.1 Nika ubungqina obukwiscatshulwa bokuba uMfuneko noNqoza bayasebenzisana. (2)
- 7.2 Xela isenzo sobumpimpi atyholwa ngaso uMfezeko ngokwesi sicutshulwa. (2)
- 7.3 Chaza zibeziTHATHU izenzo zobunkwili abazenzileyo uNqoza noMfuneko ukulwa uMapheza. (3)
- 7.4 Cacisa ngeengongoma eziNE ukuba wabalula na uMapheza ngokwamazwi kaNqoza abhalwe ngqindilili. (4)
- 7.5 Ingaba ukubayedwa kukaMapheza kwicala lomthetho kuyalomeleza uluvo lokuba umthetho unamandla kunolwaphulomthetho? Xhasa impendulo yakho. (2)

### KUNYE

**ISICATSHULWA B**

'Jong'apha, wena xokindini lekhwele, ubungatshongo kum kusasa ukuba uMapheza umtshise waluthuthu, emva koko waya kuluchitha etiphini?' Wothuka ngokungazenzisiyo uSiphongo akuba uMfuneko esilwa ngolo hlobo. Yammangalisa le nto ayibuzayo kuba ngenene nangenyaniso uMapheza wayemtshise wangumlotha ngokwazi kwakhe.	5
'Andiyazi le nto uyibuzayo Mnenga,' watsho ngelecawe uSiphongo. 'Yintoni ongayaziyo? Hi! Ngoobani aba ubenza izidenge zakho?'	
'Khawume ngokulwa mfondini, ndicacisele kakuhle ngale nto uthetha ngayo.'	
'Into oyifunayo yimali kodwa umsebenzi wakho akuwenzi ngokupheleleyo. Waqhela ukuqhatha izifombo ngokuthi mazikuthwale! iinyanda zeenkuni iza koluka imiqolo yazo!' Ufike esitishini ke mfo apha kum! Mamela ke ukuba uyathanda.	10
'Laa Mapheza uthe umbulele ngomlilo wakho, ukhona uyaphila. Ndivela kuye kowabo. Uthini ke ngoku? Xoka futhi! Uman'usithi apha unovutha ongacinywayo, uxoka!' watsho uMfuneko ecinga into yokuba kudala esiva ngobuxoki bamaxhwele angoonyelangamathe. Kokwesibini ngoku eli lingawenzi ngempumelelo umsebenzi walo.	15
'Umbonile wena ngamehlo uMapheza?'	
'He maan, <u>ndithi uMapheza ukhona uyaphila!</u> , Mus' ukundibuza ububhanxa apha. Ucing' ukuba bendiza kuthetha loo nto kanti andimbonanga?' Wasuka wakhohlwa uSiphongo akuthukwa ngulo mfana.	20
'Okokuqala, ukuba ufuna ukubona apho ndimtshisele khona uMapheza, ndicela ukuba ufike apha uzokuzibonela, Mnenga. Okwesibini mfanandini, ndifuna uzokundibonisa lo Mapheza uthi usaphila ...'	

- 7.6 Chaza igalelo lesimo sentlalo esikwesi sicutshulwa kulwaphulomthetho olukule noveli. (2)
- 7.7 Nika zibeziBINI izizathu zokuba uMfuneko ambone elixoki lekhwele uSiphongo. (2)
- 7.8 Cacisa ifuthe lale ngxabano ikwicutshulwa kwimpixano engokugcinwa nokwaphulwa komthetho. (2)
- 7.9 Ngqina ukuba uSiphongo akakholelwa kumazwi kaMfuneko akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)
- 7.10 Yiba nguMsindisi uvakalise umothuko wakho ngalo Thantaswa ungasafaniyo nalowa wawuhlangene naye ehayikha eMthatha. (2)
- 7.11 Nika imfundiso engokuthembana kule noveli. (2)

**[25]**

**UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

'Nam ndakuba mdala ndiya kubanje ngalo mntu.' (*Iphepha 52*)

Ngqina ubunyani bala mazwi ngokwehle kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE****NYANA WAM! NYAMA WAM! – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA C**

'Njengokuba unyaka sowuphelile nje ucinga indawo uya kuyifumana phi? Khona ingathi sowumdala nje ucinga wobasafunda into eyiyo?'

'Indawo sendiyifumene. Mayela nobudala, imfundo ayizanga yabanamntu mdala, ngaphezulu ndicinga ukuba **ndim oyena mntu oya kufunda into eyiyo** kuba sendikhe ndabethwa lilizwe, ndilazi ixabiso lemfundo.'

5

'Uyifumene phi indawo?'

'EDikeni.'

'Hayi ke mfo wam xa usitsho andimi phambi komsindo wakho, indab' inendodana uyise akanatyala.'

Laba liwa phantsi ke ibhunga labathathu. Wathi akuziphalaza kuNofundile noMaNtuli uFikizolo iindaba zokuba uMangaliso ujonge ukuphindela esikolweni badana kuba babengasalindele ukuba uMangaliso usacinga ngokuya esikolweni, kodwa ke bayeka, baba bafa namthanyana kwinto ababeyicinga.

10

Kwiveki yesibini kwinyanga yoMqungu wayibopha yancinci uMangaliso esinga eDikeni njengoko izikolo zazivulwa kwiveki yesithathu. Enziwa kangako amalungiselelo omntu oya esikolweni kwaFikizolo noxa wonke umntu wayengathembi, kangangokuba wade wavakala esitsho uFikizolo ekuphumeni kukaMangaliso esithi, 'Hayi ke mfo wam sendothemba xa ndifumana incwadi yakho usithi useDikeni.' Okunene into yokuqala awayenzayo akuba efikile eDikeni kukubhalela uFikizolo emxelela ukuba uhambe kakuhle kwakunye noThozama emxelela ukuba usesikolweni. Impendulo evela

15

kuThozama yakhawuleza ukubuya ngokungathi ngumntu lo obehleli eyibhalile incwadi, emkhuthaza ngamazwi anzulu. Yafika incwadi kaThozama ngenqwelo yomoya inesikhova ...

20

- 9.1 Nika ubungqina obukwiscatshulwa bokuba uFikizolo, uMaNtuli noNofundile bayasebenzisana. (2)
- 9.2 Xela ubudala bukaMangaliso athetha ngabo uFikizolo kwesi sicutshulwa. (2)
- 9.3 Chaza izinto eziNTATHU ezingqina ukuba uMangaliso ukhe wabethwa lilizwe kule noveli. (3)
- 9.4 Cacisa ngeengongoma eziNE ukuba uMangaliso uye wafunda into eyiyo ngokwamazwi akhe abhalwe ngqindilili. (4)



- 9.5 Ingaba ukubayedwa kukaMangaliso kwicala lokukhusela isifungo sokubangumfundisi kulomelezile uluvo lokuba iinjongo zobomi zifuna umninizo? Xhasa impendulo yakho. (2)

### KUNYE

#### ISICATSHULWA D

Wawuqhuba uMangaliso umsebenzi wenkonzo ngenyameko enkulu eGeorge Goch, ethandwa, ehlonelwe ngabantu. Lwancipha uselo tywala nezinto-yinto ezibangwa lulo; baguquka ootsotsi; bancipha ubugebenga; yaye nentombi yasemaBheleni uThozama incedisana naye ngamandla ekuwuqhubeni umsebenzi wenkonzo iseka izikolo zecawa apho umthinjana nomlisela wawuthi uqokelewe khona kusenziwa izinto zenkqubela. 5  
Yanda iminyhadala yemiculo nemidlalo ebukekayo yokonwabisa abantu ngeempela-veki. Baseka umbutho wabazili wabantu abadala noweqela lethemba wolutsha. UMangaliso wayenenkolo enkulu kwinto yokuba abantu bakungabinanto bayenzayo kulula ukuba uSathana abafunele umsebenzi. Yaduma yayiloo nto ke iGeorge Goch ngeSpes Bona yayo, kwalapho zazingenela khona iingqungquthela ezinkulu zamaWesile. 10  
Enye into awayekhohlelwa kuyo uMangaliso ziimvuselelo, eyicacisa kakhulu ebantwini into yokuba inkonzo yaseWesile isekelwe phantsi kweemvuselelo, zakungabikho iimvuselelo abuphelelanga ubuWesile. Wathi rhoqo ke, wabagcina abantu baseGeorge Goch ngeemvuselelo, lizale elo bhotwe laseSpes Bona ngomhla wemvuselelo 15  
kungabikho nendawo yokuhlala, kubuye nabasezinkomponi komaGermiston abantu, andithethi ke bona baseCity Deep kwaMangqukelana inkomponi eyayikufutshane apho eGeorge Goch beguquka abantu lusanda uManyano lwamadodana namakhosikazi. 'Yitshoni bafo bam!' yatsho indod'enkulu ingena kwenye yezindlu zenkomponi 20  
kwamaNgqukelana ekuseni ngeCawa ibulisa isibini sabafana esasingqengqile sizithe qwa iintloko sincokola. Ukuba wawukhe wayimamela loo ncoko yabo wawungafumanisa ukuba ingemvuselelo ...

- 9.6 Chaza igalelo lokuhlalisana kakuhle okukwesi sicutshulwa kubomi bukaMangaliso. (2)
- 9.7 Nika zibeziBINI izizathu zokungqina amazwi kaMangaliso anomgca ngaphantsi ngeGeorge Goch. (2)
- 9.8 Cacisa ifuthe lentsebenziswano kaMangaliso noThozama kwimpixano engokungahambelani kobutshijolo nobizo kule noveli. (2)
- 9.9 Ngqina ukuba abafo basenkomponi bayakhohlelwa kwiintshumayelo zikaMangaliso. (2)
- 9.10 Yiba nguThemba uvakalise umothuko wakho ngalo Mangaliso ungasafaniyo nalowa wawuhlangana naye eGcuwa. (2)
- 9.11 Nika imfundiso efumaneka kwisenzo sikaThole sokuba ligqirha ezazi ukuba ufuna ukubangumfundisi. (2)

[25]

**UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI****UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

'Mkhulu uThixo wakho Mfazwe!' (*Iphepha 156*)

Ngqina ubunyani bala mazwi ngokwehle kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. [25]

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE****UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**

Ndandifuna nokuyaleza kwabebanga leshumi ukuba bagqibezele esiya sahluko singokulwelwa kwenkululeko ngamazwe aseAfrika. Luthe lwakuvalwa ucango ndanethemba lokubona mntu, kodwa intoni, ndakhawulelwa ngengxowa enuka umchamo, yathiwa gungxu apha entloko ndabe sendityhalwa ngemva ukuya kukhweliswa enqweleni eyayiziswe ngomva apha esiseleni, seyivulwe iimpundu ezi ukundamkela. Ndagityiselwa phezulu, ndabetheka ndaya kuwela ngaphakathi evenini emva kokuba ndikhe ndakhiwa ezimbanjeni tyam ngemvubu latsho lanyela eli cala langasekunene. 5

Yaxhuzula iveni yatsala, ndathi xa ndihlala ngeempundu, yaqhotyoshwa xhikri, ngxi yema, ndathi kuba ndingabambelelanga ndawo, ndatshibilika ndaya kubetheka entla. 10

Ukuba yayingeyongxowa endandigungxiswe yona, ngeyayindiqwenge ndaphela inja endaya kuntlaleka kuyo phaya entla. Ndithe ndikhalima ndisithi, suka nja, yabe isitsho *intsini yeziya zinja zimbini ngaphambili*, incedisa ukukhonkotha kwenja eyayigqiba kundingqavula. Ndinyonyobele kude enjeni, ndatshela apha ecaleni lenqwelo, yavutha ukuya apho ndingaziyo. Yayisithi ukusuka kwayo, ekubeni ibikhe yemisa, ithi 15

ukuxhuzula, inja itshibilike izokubetheka kum lisuke phantsi idabi, indingqavulele ukundibona oku. **Yayibamnandi le nto** kookhakhakha kuba babeyihleka de bakhohlele. Ukuba nje kwakunokususwa entloko ingxowa eyayindivale ngevumba lomchamo wenkwenkwe endala kwakungaba ngcono.

Yaphaphatheka isithukuthezi inqwelo, yathi yakumana isithi swenye ngapha 20

nangapha, ngathi linxila liphepha izicithi, ndaqonda ukuba ifikile eXerha.

- 11.1 Nika ubungqina obukwesi sicutshulwa bokuba ngale mini isifundo sasingokulwela inkululeko. (2)
- 11.2 Xela ubumpimpi atyholwa ngabo uMfazwe kule noveli. (2)
- 11.3 Chaza zibeziTHATHU izenzo ezibangela ukuba kwisicutshulwa abizwe ngezinja amapolisa. (3)
- 11.4 Cacisa ngeengongoma eziNE ukuba kwabamnandi lade laphela na ibali emapoliseni ngokwamazwi abhalwe ngqindilili. (4)

- 11.5 Ingaba ukubayedwa kukaMfazwe kwicala lobutshantliziyo kulomelezile na uluvo lokuba ubutshantliziyo bunamandla kunengcinezelo kwesi sicutshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

### KUNYE

#### ISICATSHULWA F

Alizange litshone elalo mini zahlangana izinto ezinkulu. UKhonjwayo umi kwinto yokuba makutshintshwe ixesha lokuya kuthintela abavukeli-mbuso, lingabi lilixa leshumi ebusuku koko ibe yintsimbi yeshumi elinambini.	
'Jonga Siqhwalala, mna andizi kuva ngawe, andizizo eziya zibhanxa zakho uNyama noNtshebe.'	5
'Balungile kaloku xa bezizibhanxa zam, kodwa ke mfondini eli xesha ulibekayo lisemva kakhulu. Ukuba kukhe kwemkiwa apha ngeyeshumi elinambini <u>kuyakufana nokuvala isibaya amathole sele etsibile.</u>	
'Phambi kokuba siqhubele mgama, khawundiphe isizathu sokuba ukhethe eli xesha?'	
'Obu bugqwetha bakho akuzi kubulola apha kum. Andizi kuphendula, mibuzo yakho. Kuza kwenziwa le nto ndigqibe kuyo.'	10
'Uyaqonda phofu ukuba bubomi babantwana babantu obu ugqiba ngabo wedwa Khonjwayo?'	
'Kungcono ndigqibe ndedwa kunokuba ndigqibe nempimpi.' Ndothuka ndatsho ndanomchanyana ingakumbi xa ndisiva le mpi isimameleyo ihleka. UKhonjwayo uyithatha phi ngoku le ayithethayo? Makube ukho ombaliseleyo kwezi ntwana zivela ngasekhaya.	15
'Ngubani impimpi Khonjwayo?' Kwizinto endingaziphawanga umsindo yenye yazo. Ndawuva usiza ndazama ukuwubamba, kodwa impendulo kaKhonjwayo yawuvuthela.	
'Ucinga ukuba akwaziwa ukuba uyaxela Siqhwalala?' Kwakusele kuthe wayi-wayi ngamaqabane kwindawo esasikuyo, kuba umfo lo wayethethela phezulu. Ukuba andinakwenza nto ngoKhonjwayo kuza kufuneka ndimbaleke naye ndixelele uFriday, yandixelelela ingqondo yam.	20

- 11.6 Chaza igalelo lesimo sentlalo sexesha lengcinezelo kubutshantliziyo obukhuliswa kule noveli. (2)
- 11.7 Nika zibeziBINI izizathu zokuba uKhonjwayo abone uNyama noNtshebe njengezibhanxa zikaMfazwe. (2)
- 11.8 Cacisa ifuthe lengxabano ekwiscatshulwa kwimpixano engokungcikiva nobutshantliziyo kule noveli. (2)
- 11.9 Ngqina ngebali ukuba uKhonjwayo akakholelwa kwintetho kaMfazwe ekrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)
- 11.10 Yiba nguNokuzola uvakalise umothuko wakho ngalo Mfazwe wasemva kwengcinezelo. (2)
- 11.11 Nika imfundiso efumaneka kwisenzo sikaMfazwe sokungamthembi uNokuzola kule noveli. (2)

[25]

**UNCWADI LWEMVELI****UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI****UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI Swana nabanye**

Ndimkhulu ngokugqithisileyo.' (Iphepha 34) Ngqina ukubamkhulu ngokugqithisileyo kukaMvundla ngokwentsomi ethi, uMvundla neengonyama kunye nokususwa kwedyokhwe yobukhoboka emntwini ngokwamazwi athi, '... makususwe idyokhwe yobukhoboka emntwini,' (Iphepha 149) ngokwesibongo nguRhulumente wethu lo!

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. [25]

**UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE****UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI Swana nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G****INTSOMI KADELI NODELIWE**

Kwahlala kwahlala kwayintsomi. Kwiinduli zaseLatakisa kwakukho abantwana ababelekelana, uDeli noDeliwe. UDeli wayeyinkwenkwe, uDeliwe eyintombazana. Abazali babethanda uDeli bengamthandi uDeliwe. Babesithi uDeliwe mbi kuba wayenesifombo. Yayimhlupha le nto uDeliwe kuba wayehlekwa nguDeli esithi bekufanele ukuba akangowakowabo kuba akuzange kubekho sifombo kowabo, 5  
siyaqala ukubakho ngoDeliwe. 'Kunokwenzeka ukuba wacholwa usemncinci wakhuliswa apha ekhaya,' wayehlal'ahlale atsho uDeli enkqonkqa eso sifombo.

Ngaminazana ithile uDeliwe wathunywa kwamakhulu. Naxa babedla ngokuhamba bobabini noDeli, uDeli akazange afune ukuhamba naye esithi iyamhlaza into yokuhamba naye eneli gongqo lisemqolo, waba uhamba yedwa ngolo hlobo. 10  
Wahamba wahamba, emana ukuhlala phantsi kuba wayediniwe kwaye kukude yaye indlela ifuna ukuba uyihambe nomntu. Wayeza kuyihamba nabani ke uDeliwe? Wakha wahlala phantsi walila, wagixa wada wanesingqala. Esathule njalo ecinga, weva ilizwi elincinane lisitsho ngaphaya kwamawa. Wothuka walaqaza uDeliwe akambona tu umntu othethayo ukuba uphi na. Eli lizwi lalivakala ngathi lelentombazana. Naxa 15  
lalivakala kancinci yayivakala into eliyithethayo, libugadlela xa lithetha. Waliva uDeliwe lisithi, 'Deliwe, Deliwe!' Wathula uDeliwe exakwe kukusabela kuba engazi ukuba uzakusabela athini na. Lavakala ilizwi kwakhona, 'Deliwe! Deliwe!' Wancuma uDeliwe waphendula, 'Ndiyeva ukuba uyandibiza kodwa ndixakiwe yindlela yokusabela, ukuba 20  
ndithi, 'hi-i-i ndibengathi andinambeko.'

'Uhlalele ntoni kalusizi kwaNti?' labuza ilizwi.

'Ndithunywe ngumakhulu ngaphaya kwezana ntaba, ndililolo, le ndlela inde inamaqhina iyandiqoba, ndandikade ndingayiva kuba umnakwethu uDeli wayedla ngokundikhapha, sihambe sincokola, sihleka intsini, sileqaleqane side sizibone sesifikile. Ngoku udiniwe

ndim akafuni nokundibona, ndiyintlekisa kuye ngenxa yesifombo sam, nabazali bam 25  
 abandithandi basoloko bendinyhukula nangento nje encinci. Ndisisigculelo  
 sokuxelelwa ukuba andizalwa naye, andisathethi ngabantu elalini, abafuni  
 nokundibona. Xa kuyokuthezwa ndihamba ndedwa, ndicwezele kwabanye kuba  
 abandifuni. Xa kusiyiwa emlanjeni ndihambela kude nabanye. Sendazikhethela ukuya 30  
 ngomsobomvu bengekayi abanye abantu okanye ndiye ngokuhlwa, yiyo nale nto  
 ndibhontebhonte zizilonda ndisolwa ngumlambo. Lingatshona ilanga ndikubalisela  
 ngentlungu yobukheswa bam.'

- 13.1 Nika ubungqina bokuba uDeli noDeliwe abasebenzisani kule ntsomi. (2)
- 13.2 Xela ubulolo azichaza ngabo uDeliwe kwesi sicutshulwa. (2)
- 13.3 Chaza zibeziTHATHU izenzo zenkohlakalo abazenzileyo abazali bakaDeli noDeliwe. (3)
- 13.4 Cacisa ngeengongoma eziNE iziphumo zempathombi ayifumanayo uDeliwe ngokwale ntsomi. (4)
- 13.5 Ingaba ukubayedwa kukaDeliwe kwingxaki yokucalulwa kulomelezile na uluvo lokuba ukuthandaza kunamandla kunenkohlakalo kule ntsomi? Xhasa impendulo yakho. (2)

### KUNYE

#### ISICATSHULWA H

#### ENKOSI STEVE BIKO

- .....
- 1 A! Mzantsi-Afrika!
- 2 Hayi! Hayi! Ndiyayithanda le ndoda andizenzi
- 3 Ndizibuz'umbuz'umhla nezolo, 'kutheni na?'
- 4 Andizange ndambona *mos*, ndimbon' emifanekisweni!
- 5 Kaloku le nt' ingumzabalazo ndizelwe seyisecicini
- 6 Yena ke ebesele emnabel' uqaqaqa.
- 7 Oooooo! Ndiyasibona ke ngoku isizathu.
- 8 Yile mfundo ingakhethe bani, zezi zikolo zingakhethe bani.
- 9 A! Mzantsi-Afrika!
- 10 A! Mzantsi-Afrika!
- 11 Ndiyafunda kaloku kuba ndifundisiwe ndaye ndifundile.
- 12 Ndifunde ndafunda ndabon'ukub'usilwele isizwe esintsundu,
- 13 Ndabon'ub' uysisindisil' inkedama emlonyeni wengonyama,
- 14 Ndabon' ukub' umsindisil' umhlolokazi emlonyeni wengonyama,
- 15 Yafund' inkedama wathethelelw' umhlolokazi
- 16 Kanti ngaloo ndlela uhamba aph' uBawo asithuma khona.
- 17 Ukuba sinced' abangenamandl' okuzinceda
- 18 A! Mzantsi-Afrika!

- 13.6 Chaza igalelo likaSteve Biko eMzantsi Afrika ngokwesi sibongo. (2)
- 13.7 Nika zibeziBINI izizathu zokuba isithethi simthande ngokungazenzisiyo uSteve Biko ngokombongo. (2)
- 13.8 Cacisa ifuthe likaSteve Biko kwimpixano engobuthandazwe nengcinezelo ngokwesi sibongo. (2)
- 13.9 Xela zibeMBINI iimpawu zesibongo ezikwesi sicutshulwa sombongo. (2)
- 13.10 Yiba nguSteve Biko unike umyalelo onikezela uxanduva kulutsha lwanamhlanje wakuba ufunde lo mbongo. (2)
- 13.11 Chaza ukuba kutheni isithethi sisebenzisa isakhi u-ndi? (2)

**[25]****AMANQAKU ECANDELO B: 25**

**ICANDELO C: IDRAMA****IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukusukela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUSO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhetha umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhetha umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).  
Xa ukhetha umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhetha umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).

**UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI****BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa**

Iminqweno yabanye abalinganiswa engenelelayo ibangumqobo ekuzalisekeni komnqweno womlinganiswa. Ngqina olu luvo ngomlinganiswa onguGugulethu.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE****BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA I**

UGUGULETHU:	<i>(Uyacula) It is the old time religion, It is the old time religion, It was good enough for my father, It was good enough for my mother, It is good enough for my sister, It is good enough for me-e-e.</i>	
UMZAMO:	Awu! Awu! Awu! <i>Boy-boy!</i> Kodwa ntanga wenziwa yintoni le nto uyithanda kangaka le ngoma?	5
UGUGULETHU:	Andithandi yona yodwa, yonke into eyingoma ndiyayithanda, kuba kwa ukudalwa oku kwam ndilihule lengoma.	
UMZAMO:	<i>Chief</i> mfondini andibanga sakugrumba, <u>ndikhe ndakuva uthetha ngokurhawula igqaza kulaa mtshato.</u> Ingaba liliphi mfo, andilazi?	
UGUGULETHU:	Utyaphile ubuze ntanga, kunjalo ndifuna siyirhawule sobabini.	10
UMZAMO:	Khawutsho ndive Bhas'omkhulu. ( <i>Eqongqotha inqawa efakela.</i> )	
UGUGULETHU:	Unyanisile ukuthi akulazi, eneneni andizange ndithethe ngalo mntwana kuwe. Lo mntwana <i>Chief</i> ngowangapha kuTsolo, kule ndawo kuthiwa kuseNgcolosi.	

UMZAMO:	Ewe!	15
UGUGULETHU:	Lo mntwana sasifunda kunye kwa <i>Biy</i> . Ndaqala ukumbona apho, ndamthanda, ndamthanda ngolona hlobo lungathethekiyo. Hayi ke nkabi ndazama ukuzitsholololo, kodwa ke ntanga andizi kuxoka wandikhaba, wandikhaba ngaw'omane.	
UMZAMO:	Uthini na mfondini?	20
UGUGULETHU:	Inene ntanga, ndithetha iminyaka emithathu yaphela nqu, ukuba kude kube nanamhla. Phofu intombi yomfo inesimilo, asiyondlavini, ithetha kamnandi, ayimki kakhulu ijikeleza apha kufutshane ufune ukucinga ukuba iza kukufaka ...	

- 15.1 Xela babebaBINI abantu abadala ebhekisa kwizenzo zabo ingoma ethi, '*It is the old time religion*' ngokwale drama. (2)
- 15.2 Nika uluvo olungunozala wempixano ekule ncwadi ngokuthathela kwingoma ayiculayo uGugulethu. (2)
- 15.3 Caphula isikweko uze uxele nefuthe laso kumazwi kaMzamo akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)
- 15.4 Chaza ukuba isimo sentlalo siyiphembelela njani impixano kule drama. (2)
- 15.5 Atyhila luvakalelo luni amagama '... ndamthanda, ndamthanda ...' kwintetho kaGugulethu? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 15.6 Cacisa ngeengongoma eziNTATHU indlela umxholwana wothando okhokelele ngayo kwisiphelo esiyintlekele kule drama. (3)

### KUNYE



**ISICATSHULWA J**

UGUGULETHU:	Amazwi owawathethayo ngawaphi?	
UZWILAKHE:	Hleze kuthi kanti ndiwalibele, mandikucele Hlubi undikhumbuze.	
UGUGULETHU:	Utheni kum ngokufunza?	
UZWILAKHE:	Ndithe umdala akuntanga yakufunzwa.	
UGUGULETHU:	Ngoku wenzani?	5
UZWILAKHE:	Ndenzani ngani?	
UGUGULETHU:	Akundifunzi ekubeni wena uzigwebile wathi andintanga yakufunzwa?	
UZWILAKHE:	Mfana wam ndimdala, ndimdala nje andizanga ndaxoka. Ndingazanga ndaxoka nje andizanga ndaba yiyo le nto kuthiwa liwexuwexu, into ethetha apha, ithethe phaya. Musa ukufuna ukundenza loo nto ngoku ndigugayo. Ukuba ndiyajika ngoku kule nto ndoba ndizenza ixoki newexuwexu.	10
UGUGULETHU:	Ixoki lona sewuzenze lona Rhadebe ngokuthi andintanga yakufunzwa utsho undimele ngecephe undifunza. Uyabona ke mandikuphe le nyaniso. Nosana olu sewulufunza, ukuba ukutya alukufuni, alukufuni. Woda usuke ulukakaze, lukuginye nzima lujambalaza lungenakunceda kuba lusoyiswa ngamandla. Womana uluvingca iimpumlo ulufuthanisela usithini, lungenakunceda. Kanti ke yingozi leyo kuba usana losuka lurhaxwe, ukutya kuhle ngandlela zimbi kuba alukuginyi ngakuthanda. Kuza kubanjalo ke apha kum. Ndithe andiyifuni nje laa ntombi andiyifuni, ndaye andisayi kuze ndiphinde ndithi ndiyayifuna. Ungayithatha ke ngokubona kwakho, kodwa akuyithatheli uGugulethu, uGugulethu yena uza kubuye umthathele owakhe umfazi amthandayo.	15 20 25
UMTHETHO:	Uxolo mfo wethu khendisabele apha kuwe. Uthi akufuni kuzenza ixoki ngokungathi ungumntu lo osel'ezimanye ngentetho ethile komnye umntu.	

- 15.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba uZwilakhe ulilandele igama lakhe. (2)
- 15.8 Cacisa ukuba ukusetyenziswa kwamagama 'andizanga ... ndingazanga' kulubethelela njani uluvo lokunganyaniseki kukaZwilakhe. (2)
- 15.9 Nika izenzo eziBINI ezingqina ukuba uZwilakhe uyamfunza uGugulethu. (2)
- 15.10 Xhasa ngokwebali ukuchaneka kwamazwi kaMthetho athi, '... ngokungathi ungumntu lo osel'ezimanye ngentetho ethile komnye umntu'. (2)
- 15.11 Ucinga ukuba uGugulethu walandela indlela esemthethweni yokuzikhupha kumtshato wakhe noThobeka ngokumbulala? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 15.12 Cacisa nasiphi isiganeko esiphuhlise umxholo wokusetyenziswa gwenxa kwesiko lokubonela kulo mdlalo. (2)

**[25]**

**UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI****INDLAL' INAMANYALA – M Lamati**

Iminqweno yabanye abalinganiswa engenelelayo ibangumqobo ekuzalisekeni komnqweno womlinganiswa. Ngqina olu luvo ngomlinganiswa onguMamQhinebe.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. [25]

**UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE****INDLAL' INAMANYALA – M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA K**

SIQHIWU:	Uqeshelwe ukuhoya amahlwempu nezinhanha ngokulinganayo; amaqaba nezifundiswa; iinkonde neemveku. Akuqeshelwanga ukuba ube nabantu obanyevulelayo kuba ubabona ukuba baphuma kumakhaya ahlelelekileyo.	
MAQHIKIZANE:	Ungubani wena ukuba ungathetha ngolo hlobo kum? Hhi? Ungubani kwedini?	5
SIQHIWU:	<b>Akuqeshelwanga kushawuta bantu apha, akukhathaliseki nokuba ndingubani na.</b>	
MAQHIKIZANE:	<u>Kulungile ke kumkani. Khawutsho ndingakunceda ngantoni Mhlekezi?</u>	10
SIQHIWU:	Bendize kucela ukubuza ukuba akukho mpazamo yenzekileyo ...	
MAQHIKIZANE:	Malunga nantoni ke bawo?	
SIQHIWU:	Ndicela ukuba undiyeke Mhlekezi ndigqibe, wandule ke ukuhloma imibuzo yakho.	
MAQHIKIZANE:	Hay'inene ndisuke ndakoyika ngoku. Uthi akulothumelo kodwa?	15
SIQHIWU:	Ngamafuphi bawo, sothuswe kukufumanisa ukuba uThembinkosi Mazaleni ongummelwane wethu nophumelele iBanga lakhe leshumi kulo nyaka uphelileyo, sel'ephangela, sibe thina sineminyaka ngamithathu silinde ingqesho.	
MAQHIKIZANE:	Ungezi kuza kundigezela e-ofisini yam ndixakekile kwedini. Inani nokwenza nam kaloku into yokuphangela kwentwana endingayaziyo, ndingakhathalele nokuyazi?	20
SIQHIWU:	Nguwe oqeshayo bawo. Ndincede, musa ukundiqaqathakisa torho. Nam ndixakeke njengawe ke tana undibona nje, okanye nangaphezulu.	25
MAQHIKIZANE:	Ayinakuncedwa ndim into yokunyaba kwakho mfanandini.	
SIQHIWU:	Awunakuba akundithuki ke ngoku Mnumzana Maqhikizane.	
MAQHIKIZANE:	Mna ndilungiselela abantu abangxamele ukuphangela, qwaba ke. Andinaxesha lezanya-mtya.	
SIQHIWU:	Mhlekezi uthetha ukuthini ngala magama umana ukundityabeka ngawo?	30
MAQHIKIZANE:	Kanene mfo kabawo ubuthe ungubani igama lakho?	
SIQHIWU:	Andikhange ndikuxelele igama lam ...	

- 17.1 Xela babebaBINI abantu abanyevulelweyo athetha ngabo uSiqhiwu kwesi sicutshulwa. (2)
- 17.2 Nika izimvo ezingunobangela wempixano ngokwamazwi avula ngawo uSiqhiwu kwesi sicutshulwa. (2)
- 17.3 Caphula impoxo uze uxele nefuthe layo kumazwi kaMaqhikizane akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)
- 17.4 Chaza ukuba isimo sentlalo siyiphembelela njani impixano kule drama. (2)
- 17.5 Atyhila luvakalelo luni amazwi kaSiqhiwu abhalwe ngqindilili? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 17.6 Cacisa ngeengongoma eziNTATHU indlela umxholwana wobuqhophololo okhokelele ngayo kwisiphelo esiyintlekele kule drama. (3)

**KUNYE****ISICATSHULWA L**

DLEZINYE:	(UDlezinye uthetha yedwa phambi kwakwaMamQhinebe: Uphethe iBhayibhile. Uyintothololo yexhego.) Nguwo lo umzi ondifaneleyo. Izindlu zimbini qwaba. Akukho nobuhlanti obu bembala. Loo nto indixelela ukuba kuyalanjwa apha. Jonga, khawujonge, kunzima nekalika le yokuveta izindlu. Mandingene apha. Nokuba sekusithiwa izinto ziyafana, ngomnye wale mizi ndiyifunayo lo. Ngomnye wale mizi ibanikazi bayo baza kuba ngamakhoba am noMagrazula lo. Ndingalibali kanene ukuba kufuneka ndibe leliya lakudala lona ixhego eli. IBhayibhile le mandiyiphathe ngesi sandla. (Ekhomba kwesasekhohlo.) Nelizwi eli kufuneka libe lelexhego ngenene, kungabikho nto ikrokrisayo, ubuso bona andinaxhala labo. UMalunyawana ububethile kakuhle. Akukho nto ndiyikrokrelayo. (Ankqonkqoze.) Nkqo nkqo nkqo!	5
MAMQHINEBE:	Ngaphakathi!	
DLEZINYE:	Molweni endlwini!	15
MAMQHINEBE:	Ewe, molo bawo. Naso isihlalo entla kwakho bawo. Uyazi ukuba ngeli xesha unkqonkqozayo ndithi uleli xhegwana lalapha ebumelwaneni?	
DLEZINYE:	Hayi mntwan' am lelinye ixhegwana eli. Lisuka kude kakhulu eli ixhegwana.	20
MAMQHINEBE:	Phofu ngempilo, niboniswa ntoni ke tata?	
DLEZINYE:	Hayi siphilile mntwan' am, akukho nto. Ninjani nina?	
MAMQHINEBE:	Hayi siphilile nathi bawo. Kuphunywa ngaphi ke tata kweli langa?	
DLEZINYE:	Ekhay' apha ndithunyelwe nguThixo endimkhonzayo.	
MAMQHINEBE:	Uthunyelwe nguThixo omkhonzayo?	25
DLEZINYE:	Uhlala nabani kanene ntomb' am?	
MAMQHINEBE:	Ndihlala nonyana wam	
DLEZINYE:	Nihlala nobabini kuphela?	
MAMQHINEBE:	Ewe bawo.	

- 17.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba uDlezinye ulilandele igama lakhe. (2)
- 17.8 Cacisa ukuba igama 'ixhego' lisebenza njani ukubethelela uluvo lokuba uDlezinye akanyanisekanga. (2)
- 17.9 Nika izenzo eziBINI ezingqina ukuba uDlezinye uneenjongo zokuzifihla ukuze angaqondwa ukuba ungubani. (2)
- 17.10 Chasa ngokwebali ukuchaneka kwamazwi awasebenzisileyo uDlezinye kuMamQhinebe athe, uthunyelwe yiNkosi ... nguThixo ukuze baphume ezimbandezelweni. (2)
- 17.11 Ucinga ukuba uMamQhinebe walandela indlela esemthethweni yokuzikhupha kwindlala? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 17.12 Cacisa isiganeko esingumzekelo wokusetyenziswa kweendlela ezigwenxa zokuzikhupha endlaleni. (2)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**  
**AMANQAKU EWONKE: 80**